

PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



Abalimi neshishini babhiyozela umvuzo wokufunda nokunyamezela

Imazini yakwa Grain SA
yophuhliso Iwabavelisi

Bala Moteng:

- 06** | Umyalezo wethemba kubalimi emva kwamaxhesha ambalwa obunzima!
- 08** | Ulawulo Iwezikhondo zengqolowa nezityalo zomaleko ozikhethayo
- 10** | Phawula iimpawu zokuwa

Umbali weenoveli wohlanga Iwama-Skoti uRobert Louis Stevenson wathi, 'UngagWEBI usuku ngokwesivuno osifumanayo, kodwa makube ngokwembewu oyili-mayo'. Abalimi abarhwebayo ababandakanyeka kwiNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi kusenokwenzeka ukuba khange babe nasivuno basifumanayo kwixesha elidlulileyo lokulima ngenxa yembalela, kodwa kuSuku loMbhiyozo kuye kwacaca ukuba imbewu yowlazi etyalwe phantsi kwenkqubo yamacebiso iye yanefuthe elikhulu kumba wophuhliso Iwabali.

Ngomhla we-22 kuSeptemba kulo nyaka zibe ngaphezu kwe-250 iindwendwe kuquka abameli bakarhulumente, abane-nxaxheba kwezolimo kunye nabalimi abasahlumayo bokutya okuziinkozo abama-lunga ne-160 bebeye kuSuku loMbhiyozo eBloemfontein. Abaxhasi bezigaba beberme-iwe nguAntois van der Westhuizen (weJohn Deere Financial), uGq Langa Simela (weAbsa AgriBusiness), uAntonie Delport (weSyngenta) noClara Mohashoa (weMonsanto).

Bonke abatyunjwa babonise ukukhula kwimisebenzi yabo yokufama ngenxa yegalelo leNkqubo yoPhuhliso Iwaba-Limi nangenxa yokusebenza nzima okubalulweyo kwesi siganeko. Le nkqubo ibonisa ukuba ulwazi olwandileyo ngo-kutshataliswa kokhula, impilo





Abalimi neshishini babhiyoza umvuzo wokufunda nokunyamezela

Kungeli xesha lihle lonyaka apho abantu bakwaziyo ukuphumla kancinane ukuze bachithe ixesha neentsapho zabo. Kewlinye icala, abalimi baqwalasela izityalo zabo kananjalo banqanda ukungenelela kokhula. Maze ungadinwa kuba uya kuzifumana izivuno zemigudu yakho kwiinyanga ezizayo.

AmaMelika anesityalo esikhulukazi sombona emasi-mini abo kanti oku kuya kuchaphazela ixabiso lalapha lombona. Sifanele siqonde ukuba amaxabiso aphezulu afumanek kulo nyaka awanakufane abe khona kunyaka ozayo. Sifanele ukuqala ukicinga ngokuba sijonge ukusithengisa phi isityalo sethu ukuze siqiniseke ukuba sifumana inzuko.

Kwabo benu bazilimela ukutya okuninzi – khubulani ukuba lisekhona ixesha lokulima iimbotyi. Iimbotyi kaloku ngumthombo omangalisayo weprotheyini kwizintlu zokutya kwethu – kulula ukugcina iimbotyi kwaye zinokugcinwa unyaka wonke.

Xa sisacinga ngethuba leKrisimesi, isicatshulwa esingezantsi sitsale umda wam ndacinga ukuba ingaba kungakuhle kangakanani xa sinokupha njengoko sisitsho esi sicatshulwa.

Wanga umoya weKrisimesi ungapheila entliziyeni yakho kuwo wonke unyaka.

IZIMVO NGEZIPHO ZEKRISIMESI

Yipha:
Utshaba lwakho, uxolelo.
Okhuphisana nawe, ukunyamezela.
Umhlobo, intliziyo yakho.
Umxumi, inkondo.
Kubo bonke, isisa.
Kuwo wonke umntwana, umzekelo omhle.
Kuwe, intlonelo.
~ Oren Arnold



4



5



6



Ifoto 1: Abaggwesileyo abathathu kuMlimi woNyaka ka-2016 kwisigaba sabaLimi abaRhwebayo beNew Era seGrain SA/Absa/John Deere Financial nguFrans Mokoena (waseTweespruit eFree State), uZondiwe Motshwene (Emalahleni eMpumalanga, obemelwe ngunyana wakhe, uKarabo) noMaseli Letuka (waseKestell eFree State). Emva nguAntois van der Westhuizen (uMlawuli oPhethayo: kwiJohn Deere Financial Sub Sahara Africa) noJannie de Villiers (iCEO: eGrain SA).

Ifoto 2: Abaggwesileyo kuMlimi woNyaka ka-2016 kwisigaba sabalimi abaRhweba kaNcinane beGrain SA/Syngenta nguSizwe Mgwenya (wasePiet Retief, ophumelele phambili), uThembalihle Tobo (waseKokstad) noHamu Shuwisa (waseLouwsburg).

Ifoto 3: Ulsaac Hlatshwayo (waseNelspruit), uDelisile Nkosi (waseLouwsburg) noMswayi Zuma (waseEstcourt, ophumelele phambili) baggwese kuMlimi woNyaka ka-2016 kwisigaba sabaLimela ukuziPhilisa seGrain SA/Absa.

Ifoto 4: Abalimi abathathu bandise isivuno sabo futhi ngoku ngamalungu aneqhayiya eKlabhu yeeToni eziyi-1 500: nguJeremia Mthebula, uLucky Khumalo noJob Dube.

Ifoto 5: USimon Teffo noRemember Mthethwa bangene kwiKlabhu yeeToni eziyi-500.

Ifoto 6: Awona malungu matsha eKlabhu yeeToni eziyi-250 nguHerbert Mabuza, uSizwe Ngwenya, uEdwin Mahlatsi noVuyani Lolwane.

Ifoto 7: UVuyokazi Mvunge noNosabelo Mgolombane baseMthatha eMpuma Koloni ngabalimi bamanenekazi amabini anxibe impahla embetshebetshe yesiNtu.

Ifoto 8: UPreline Swart (uSekela-siHlalo: eGrain SA) neqela lamanenekazi aseMthatha eMpuma Koloni.

USUKU LOMBHIYOZO

entle yomhlaba nokukhethwa kwembewu kungaba nefuthe elikhulu kwimisebenzi yokufama. Bonke bolithoba abagqwesileyo baxele indlela elibaluleke ngayo igalelo lale nkqubo kwimfezeko yempumelelo. I-Grain SA ibabulela ngokungazenzisyo abaxhasi abanza ukuba ibe nempumelelo le nkqubo: i-Maize Trust, iWinter Cereal Trust, iSorghum Trust, iOPOT, iAgriSETA nePioneer.

Abagqwesileyo ngo-2016

UMlimi woNyaka ka-2016 kwisiGaba sabaLimela ukuziPhilisa seGrain SA/Absa ubhengezwe njengoMswai David Zuma (66) waseEstcourt KwaZulu-Natal. UDavid nenkosikazi yakhe, uGoodness, basebenza njengeqela elisebenzisanayo kwaye naxa imvula ifike emva krexehsa bavune iitoni eziyi-22 zombona kwindima engangeehktare ezisi-8 abebezilime ngezandla.

Umfana onamabhongo, uSizwe Innocent Mgwenya (31), kwisiphaluka sasePiet Retief ufumene ibhaso njengoMlimi woNyaka ka-2016 kvisigaba seGrain SA/Syngenta sabaLimi abaRhweba ka-Ncinane. USizwe usebenza kumhlaba weehktare eziyi-50 azifumene kuyise. Uvune iitoni eziyi-250 zombona kulo nyaka, konke oko kuvunwe ngezandla. Impumelelo yakhe isisiphumo solawulo lomhlaba olubalaseleyo kuquka izenzo zolondolozo kunya nogqaliselo olomeleleyo kulungelelwano IwepH nolwezondlo.

Abathathu abagqwese kuMlimi woNyaka ka-2016 kvisigaba sabaLimi abaRhwebayo beNew Era seGrain SA/ Absa/John Deere Financial nguMaseli Letuka (waseLadybrand), uZondiwe Motshwene (waseLouwsburg) no-Frans Mokoena (waseLadybrand). Ingulowo ogqwesileyo ufumene ivawutsha evela kwaJohn Deere Financial abanokutshintshisela ngayo ukuze bafurmane isixhobo sokufama kwaJohn Deere. Ophumelele phambili ubhengezwe kumsitho wodidi weGrain SA wabaLimi beeNkozo boNyaka ngomhla we-14 Okthobha eMidrand. Ophumeleleyo kwakhona ufumene itrektaray John Deere exhaswa yiJohn Deere Financial ngolwahluwelwano neAbsa.

UJane McPherson (uMphathi: kuPhuhliso IwabaLimi, eGrain SA) ubulele abahlolo benqubo – abo bantu baxhasa inkqubo ukuqinisekisa ukuba ubukho bayo buyaqhuba. I-CEO yaseGrain SA, uJannie de Villiers uphakamise umbulelo wakhe ngomlimi ngamnye weenkozo osaphuhlayo okulangazelelalo ukucetyiswa nokufundiswa, ngoko ke kuqinisekiswe isivuno esikhulayo sabalimi beenkozo ngonyaka ngamnye. Emva kokufumana ixesha lokulima elinzima kwifama yabo uJenny Mathews (umlimi waseSannieshof nobengusihlalo webhodi yoMbutho woPhuhliso IwabaLimi beeNkozo) udlulise umyalezo wohlobo olulodwa wenkuthazo kubalimi. ‘Ukumelana nexesha lokulima elifana neli bekungumgudu.’ Utthe, ‘Ixesha lokulima elifana neli libaqobile abalimi, kodwa ubomi buya phambili. Sinesizwe esilambileyo esifanele ukondliwa sithi kwaye sisengabantu abanamandla asezandleni zethu zokukhupha ukutya.’ Ukhuthaze abalimi ukuba bagcine icebiso elikwiNdumiso 121 ‘baphakamisele amehlo phezelu’ bangazilibazisi ngezinto ezityhafisayo kwakhona kunokuvalwa ngesaci sesiAfrika, ‘Nokuba bude kangakanani ubusuku, kuya kude kuse.’

Inqaku linikelwe nguLouise Kunz, umbhalikiwiPula Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: louise@infoworks.biz.

linkcazo ngomhlaba nohlalutyo lwesakhono sokugcina ukufuma

Esinye sezixhobo ezibaluleke kakhulu ezisetyenziswa ngabalimi, abacebisi na baphandi kukuholola iinkcazo ngobume bomhlaba kwibloko ethile yentsimi esetyenziselwa ukulima ngokupheleleyo. Olu hlalutyo lungasusela kuavanyo lweentlobo zamathafa kuhlalutye ubunzulu bomhlaba nokwakheka kwavo, ukuya ekulinyweni kwezityalo nobukho bamadlelo, ngokunjalo nokuhlolwa kocwangcisel ukuze kusekwe isitishi sorhwebo esinika ithemba.

Umgxuma weenkazo ngobume bomhlaba uya kuhokelela kuhlolo, kuavanyo nakubalo oluthile lwamanani ngokunjalo nobungakanani bomaleko, impilo yomhlaba nobunzulu bokulima, ubunzulu bomhlaba, uhlobo lomhlaba, iimaleko zomhlaba ukuya kumaleko ongaphezulu, osesiphakathini nosezantsi. Ukuba intsimi ilinyiwe kusenokulandela ukupuhula kweengcambu emhlaben kananjalo nawuphi umaleko osenokuba sisithintelo ekukhuleni okupheleleyo kweengcambu okufana nokwekhuba okanye iindawo ezilukhuni zomhlaba, iimaleko ezinesakhiwo esiqinileyo okanye iimaleko ezingaggobhozelekiyo ngenxa yoqukanisel oweekhemikhali okanye unqongophalo lwezondlo kumaleko othile ongezantsi.

linkcazo ngobume bomhlaba mazihlowe ngalo lonke ixesa lokukhula kwezityalo kuhlobo ngaluny lomhlaba olwahlukileyo olufumaneka kwindawo osebenza kuyo. Ukuvanya nobalo lwamanani kwinkcazo ngobume bomhlaba malunga nesixa esipheleleyo sokufuma okugcinwe emva kwethuba lefusi lasebusika kunokwalatha imibandela eliqela ebalulekileyo. Kunokwenziwa uvavanyo ngokuthi kufuneka imvula engakanani yasekuqaleni kwehlobu ukuze kulinywe ngokuzithembu nokuthi ingaba isityalo sinakho na ukuwugqiba umijkelo wakho wokukhula, xa iipateni zokuna kwemvula ezifuyanwa kwifama yakho zihelele.

Imingxuma yeenkcazo

Imingxuma yeenkcazo maybe yimitha e-1 ngobunzulu bermitha e-1 kwaye ibe nzulu ngokwaneleyo ukubonisa ubume bomhlaba buphelele ngobunzulu obubobona bunzulu beengcambu obusebenzayo bezityalo okanye bamadlelo alinywa entsimini ethile. Inkalo yeMpuma/Ntshona iyanceda xa kuthathwa iifoto kusasa. Imingxuma isenokwembiwa ngesandla okanye isekwe ngokukhawuleza ngokusebenzisa igaba lezandla eselisetyenziswa kakhulu njengesixhobo kwifama ezininki kule mihra.

Ukuba kuza kuavanywa imingxuma embalwa kuavanyo lokuqala khetha iibloko ezilinywe izityalo ozibona izezona ziphucukileyo okanye

zingaphucukanga kune nemihlabu eyahlukileyo elephantsi kwamadlelo.

Ukuba uneminyaka eliqela ufama yenza nokuba lunye uvavanyo emhlabeni wentsimi ekholisa ukukhupha izityalo ezhile. Leyo iseno-kubonakalisa iinkcazo yobume bomhlaba wefama yakho. Khumbula ukuba owona mhlaba unzulu usenokungakhuphi eyona mveliso yawo yomganganatho ophezulu ngenxa yeengxaki zokuchuma eziquka ubumuncu obuphezulu okanye amanqanaba aphantsi eephosphate okanye ezinye iityuwa. Luluvo olusoloko lulungile ukuthatha iisampulu zomhlaba xa uvavanya imingxuma yobume bomhlaba. Ulwakhiwo jikelelo lomhlaba ngokunjalo nobume bokuchuma nesiqulatho sokufuma zisenokuba sisiseko sovavanyo lwexesha elizayo ngokuphathelele ekusebenzeni kwemigaqo yokuhlakula neenguquko kubunzulu bomhlaba nokuchuma.

Lwakuba lubanzi ulwazi ngemihlabu ekwifama yakho unakho ukusebenzisa isixhobo sokubhola umhlaba esilungileyo ukuze ukhawuleze uvavanye udidi lomhlaba ephantsi kwavo ibloko ethile. Siya kufunyanisa isakhono soqoqosho ngebloko nganye kune nesefama iphelele.

Ezinye izixhobo ofanele ukuzisebenzisa yiteyiphi ebanzi etyeli yokulinganisa ubunzulu bomhlaba ongaphezulu nezinye iimaleko, imela okanye ihamile yokuqhekeza amatye ukuqwalasela iimaleko esezielukhuni kune nebodi yokubhala ingxelo neenkcukacha zomngxuma ngamnye.

Ukusetyenziswa kwamanzi zizityalo

Ukusetyenziswa kwamanzi avela kwisiqulatho somhlaba zizityalo ubukhulu becalo kuxhomekeke kwithuba lokukhula kwezityalo, iimilimitha (mm) zamanzi ezsibenziseka xa sibila isityalo ukusuka emhlabeni kune nokujika kwamanzi emvula aphezu komhlaba nasemhlabeni abe ngumphunga. Ukusebenziseka kwamanzi okukhulu kakhulu kuholisa ukwenzeka xa kudubula iintyatymabu naxa imbewu ihlolekha.

Umzekelo umbona usenokuba nethuba lokukhula elisusela kwiintsuku eziyi-125 ukuya kweziyi-180 kwaye unokusebenzisa nanton ukususela kwi-500 ukuya kwi-800 ngokokuxhomoekwa kwiimeko zemozulu nakumhlanganisela okhethiweyo. Amaxabiso ekunokuthelelkiswa nawo malunga noojongilanga ziintsku eziyi-125 ukuya kweziyi-130 kune neemilimitha eziyi-600 ukuya kweziyi-1 000.

Uvavanyo lokufuma

okugcineke emhlabeni

Ezinye zeenjongo ezingundoqo zokuvavanya ukufuma komhlaba kukufumanisa isimo sangoku sokufuma okusemhlabeni nakweliphi ixesa ngethuba

lokukhula kwezityalo okanye phakathi kweentlobo zezityalo. Uqikelelo lweemfuneko zezityalo ziphelele xa kuthatyathwa ukufuma obekukhona ngeilia lokutyala luya kukunika ufifi ngemvula okanye ngokunkcenkesha okufuneka ngexesha lokukhula kwezityalo ukuze isityalo sikkazi ukuggiba umjikelo waso wesiqhelo wokukhula.

Isakhono sentsimi sisixa samanzi aseleyo okanye agcinwe emhlabeni kwiintsuku ezimbawla emva kokumanziseka nasemva kokunqumama kokufunxwa kwamanzi angafunekyo. Isakhono sentsimi emhlabeni ongaphezulu sichazwa njengemeko yomhlaba xa kukho intsela ye 50% yamanzi ne 50% yomoya kwisampulu ethile.

'Umgaoqo wolovo nembonakalo' ngumgaqo osebenzayo wokuqikelelo kokufuma komhlaba kwiimaleko ezalhuka-hlukeneyo ezinemihlabu engafaniyo ngokokuvakala esandleni, ngokucudisa isampulu yomhlaba othathe kumaleko ngamnye owahlukileyo esandleni ude ube 'yibhola' enge-namilo itheni. Isampulu iphindu icudiswe esandleni phakathi kukabhontsi nomnw ophakathi ube sabumtya. Ukuvakala komhlaba esandleni, isakhono sokuba ngathi ngumtya, ukubengezelka kwamanzi, ubuyekeyeke beengqakumbana zomhlaba, ukushiyeka kwebala lomhlaba/lamanzi eminweni yakho kunokuthelekswa neetsati, nangokusebenzisa amava, ukwenzela uqikelelo lwepesenti yamanzi ekhoyo malunga novunduvunu olunesanti, imihlabu eluvunduvunu, okanye engaphantsi kwemihlabu eludongwe. Umlimi makafunde izifunde ngokuchongwa kweentlobo zemihlabu ezalhuka-hluqileyo ukuze akwazi ukuyihlalutya ngokuchanekileyo imihlabu eyahluka-hluqileyo kwiimaleko ezingafaniyo.

Ukubalwa kwesixa samanzi akhoyo

Njengomthetho obanzi umhlabu oluvunduvunu nonesanti ecolekileyo uya kugcina i-25,4 mm nge-150 mm yobunzulu kune nodongwe lwe-25,4 mm nge-76 mm yobunzulu. Ezinye iintlobu zomhlaba ziya kugcina amanqanaba okufuma aphakathi kwala maxabiso.

Umzekelo olula ngowomngxuma weenkazo zeziqulatho okwiFoto 1 obonisa umhlabu wase-Westleigh, eMpuma Free State, one-45 cm wohlabu ongaphezulu wovunduvunu olucolekileyo olunesanti nodongwe kudongwe oluthambileyo. Intsimi yalinywa ingca yedlelo yohlobo lwe- eragrostis curvula kwiminyaka eyi-15 eyadlulayo. Kukho ubungqina bobukho obuphezulu bezinto ebeziphila kuqala kune nesivundisi esiqokeleleneyo apho kungekho mhlaba olukhuni khona okanye kwazithintelo ekukhuleni kweengcambu. Kufunyaniswe ubungqina bokukhula kweengcambu ngamandla ebunzulwini bodongwe oluthambileyo.

Ubunzulu obufanelekileyo beengcambu ke ngoko buqikeleka kwi-60 cm. Lo mhlabu ufumene i-128 mm yemvula ngoMatshi, ngoEpreli nangoMeyi ku-2016. Ukufuma komhlaba kunokuqikelewa ngendlela elandelayo: i-450 mm yahlulwe nge-150 mm yomhlaba ongaphezulu x 25,4 mm kwisakhono sentsimi ekwi 60% ukuze oko kulin-gane ne-45 mm yokufuma okugcinwe kumaleko womhlaba ongaphezulu. I-300 mm yodongwe oluthambileyo inokugcina malunga ne-60 mm yokufuma okusinika i-105 mm okanye ii-intshi ezi-u zokufuma okugcinakeleyo. Intsimi iya kulinywa kuqaliswe ngeemboty zesoya ngaphandle kokuhlakula. Kuya kutshatalalisa ukhula nge-glyphosate base nangezinye iikhemikhali ezifakwa ngezitshizi ezibini neziya kutshabalalisa nayiphi ingca ephinda ikhule. Imvula engange -30 mm ifumanekе ngomhla we-20 Okthobha 2016. Emva kokuhlalutya ukufuma komhlaba lo mlimi unakho ukulima ngokuzithembu isityalo esiya kunyamezela kude cube ngoJanyuwari nokuba ayibangakho enye imvula kodwa aphumelele kakhulu xa kuthathelwa ingqalelo yepateni zesiqhelo zemvula kwixesha elizayo.

Khumbula ukuba umhlabu onzulu kakhulu we-Hutton okanye weAvalon kwisiphaluka semvula esifumana umyinge we-850 mm siya kuba nobona buncinane besakhono semveliso yombona yeeton iez-6 ngehektare nganye. I-Westleigh kwifoto 1 ibonise ukuba, kwinginqi yomyinge wemvula ye-625 wethuba elide iya kuba nobona buninzi obuqikelewayo besakhono semveliso yombona beetoni ezi-3 ngehektare nganye ukuze sibe ziiton iez-4 ngehektare kunyaka obalaseleyo.

Isiphetho

Njengomlimi bubulumko ukuyazi imihlabu yakho ukuze ukwazi ukuhlalutya ukufuma komhlaba nokuqinisekisa imigaqo esebebenzayo yokuhlakula ukuze kugcineke ukufuma komhlaba okuninzi kangangoko kunokwenzeneka ukwenzela ukunci-phisa imingcipheko yemali ekulinyweni kwezityalo okanye ekulawuleni amadlelo kumaxesha okulima alandelayo.

Kucetyiswa kakhulu ukufunda upapasho oluthi *Soil Classification – A taxonomic system for South Africa, 2nd Revised version, ISBN 0-621-10784-0*, nolufumaneka apha: The Research and Technology Manager, Private Bag X79, Pretoria, okanye lunokuodolwa kwiivenkile zeencwadi ezaziwayo ngokusebenzisa isalathiso seISBN. Olu papasho 'yibhayibhile' yokuhlelwa kwemihlabu yaseMzantsi Afrika kwaye lufanele ukuba setasini yeencwadi yomlimi ngamnye njengomthombo wolwazi olu-chanelekileyo wokufumanisa udidi lwemihlabu yefama yakho nanjengesincedisi sokufumanisa esona sakhone sisiso sokulima kwifama yakho.



Inqaku linikelwe ngumlimi othathe umhlala-phantsi.

Umhlabu waseWestleigh, eseMpuma Free State, onomhlaba ongaphezulu omalunga ne-45 cm oluvunduvunu olucolekileyo Iwesanti nodongwe phezu kodongwe oluthambileyo.

UMYALEZO WETHEMBA kubalimi emva kwamaxesha ambalwa obunzima!

Amaxesha obunzima kuqoqosho kune nosukuzwano kwezelopitiki, amaxesha okutshintsha kwemozulu nobukho bembalela – zonke ezi zinto zi-yabuchaphazela ubomi bethu ngeendlela ezininzi ezahluka-hlukileyo; kodwa uluntu lweefama *ngaphezo* kwako konke LUYA-YIVELA imbalela...kuba siyasibona isiphumo samaqondo aphezulu obushushu nokungabikho kweemvula emasimini ethu nakwizityalo, kwizilwanyana zethu nasemadlelweni azo – kananjalo, nasezipokothweni zethu. Imbalela siyibona nasemehlwani abantwana bethu xa sibaxelela ukuba akukho mali yokuthenga nantoni ‘eyiyenye’ kulo nyaka...

Ukumelana neziganeko zexesha elidluleyo lokulima bekufana nokukhwela isithuthi sokudalisa futhi ngeemvakalelo eziphezulu, kubekho ithemba elikhulu, kodwa kulandelwe yinkhalabo – kanti kuseza kubakho iinzulu zokulahlekelwa lithemba! Akuzange kukhe kwenzeke ngaphambili ukuba amalungiselelo ethu neemali esizityalileyo zibe semingciphekweni ongaphezu koko. Ewe, abalimi bathezeke amandla kwimblela ebeziyatsele nolophu olushushu nolukhohlakele kangangokuba singabi nakululibala!

Umhlobo womlimi wayefumana amathuba eengxoxo-macebiso ngenxa yodandatheko lwakhe. Ingcali yezigulo zengqondo yamxelela ukuba ihlebo ngokuphuma engxingweni yodandatheko kukuyeka ukujonga phantsi emhlabenzi kodwa MAKAJONGE PHEZULU...ajonge abantu emehlwani; ajonge iingxaki ngokukhalipa. Kudala-dala iNkosi yasixeleta yathi ezi-Bhalweni **kwiNdumiso 121: PHAKAMISELA AMEHLO AKHO EZINTABENI...APHO LUYA KUVELA KHONA UNCEDO LWAKHO!**

Kanti – ubomi xa buqhubela phambili! Nathi sifanele ukuya phambili! Kufuneka sikhazi ukuziphilisa thina namashishini ethu. Sonke sinootata noomama, abayeni namakhosikazi, abantwana nabantakwethu ngokunjalo na-basebenzi bethu esifanele ukubakhathalela. Sifanele ukuzinikela kangangoko ekuziphiliseni nasekwenzeni izicwangciso zexesha elitsha lokulima – ASIKWAZI KUNIKEZELA! Kanti ngaphezu koko: **Sidinga** ukuvuna ukutyka kwabemi beli lizwe kanti njengabalimi **sibizelwe** ukuba ngabelusi bomhlaba.

Zininzi izinto esingenalulawulo kwaphela phezu kwazo. Akukho nto sinokuyenza ngezinto ezifana nezopolitiki zehlabathi okanye

ngobunzima kuqoqosho lwehlabathi...ngoko ke **masiyeke ukuzikhathaza** ngazo kuba ezingcanjini zazo kukho **ukungakwazi kuzinceda** kanti maxa wambi kunokubakho **udandatheko olothusayo**.

KHUMBULA: Amaxesha ekuphela kwa-wo owa ngawo – UKUWA KWENENE – kuxa usiwa phantsi uze uhlale apho phantsi!

Endaweni yoko zijingisise. Yenza isigqibo ngendlela oza kuhlangabezana ngayo neeme-ko zangaphandle ngamandla onawo angaphakathi kune nokholo. Zama ukungahlali undohlala ube ungenzi nto. Zama ukungahlali ezintweni ezingahambi kakuhle kwixesha elide. Izinto ziyiloo nto ziyiyo! Akukho nto sinokuyenza ngobushushu obugqithisileyo singenakho nokunqanda imbalela – asinakukwazi ukunisa iimvula singakwazi nokukhulisa ingca...chitha ixesha uthandaza kwaye uzindla ngokuthile yonke imihla ukuze ufumane uxolo Iwanga-phakathi namandla. Gqalisela kwinto onayo – nakwinto onokuyenza. Phofu usesempilweni entle kwaye usenamandla? Usakwazi ukwenza izicwangciso?

Yenza izinto ezifuna izigalo ingezizo ezifuna imali

Ququzelwa wenze izinto ongaqhelanga kuze-nza. Qoqosha iishedi kune neyadi yefama. Qwalasela zonke izixhobo zakho zokusebenza; ukhe uzifake nomnye umaleko wepeyinti. Jonga nezinye izinto onokuzenza kwikhaya lakho – njengokukhanda nokulungisa izinto ekukudala inkosikazi yakho ikulandela ngo-kuthi khawuzilungise. Umoya wolonwabo uyanceda phakathi kwekhaya futhi oko kuya kumenza ukuba naye azibone enyanzele-kile ukukunika inkxaso ngamaxesha anzima!

*Thina balimi asifanelanga
kuziphakamisa side singafuni
ukusebenza ngezigalo okanye
kude kube nzima nokuxelela
abalingane bethu iingxaki
zethu. Masenze konke
okusemandleni ethu
ukuphilisa amashishini ethu
nokondla iintsapho zethu.*



“

Umthi omnye unakho ukuqala ihlathi, uncumo olunye lunakho ukuqala ubuhlobo, isandla esithile sinakho ukuphakamisa umphefumlo, ilizwi elinye linakho ukukhokela injongo, ivoti enye iyakwazi ukuguqula isizwe, umtha omnye wokukhanya unakho ukukhanyisa igumbi, ikhandlela elinye linakho ukugxotha ubumnyama kanti ukuchukunyiswa kanye kunokubonisa inkathalo yakho – ubomi obunye bunokwenza umahluko!

Umbhalu Akaziwa



Cinga ngeendlela ezincinane zokwenza imali eziya kunceda ukuba kusoloko kukho imali ekhoyo – gawula iinkuni uzithengise; sebenza egadini yekhaya lakho yemifuno – nokuba sowusenzela nje ukugcina izandla nengqondo yakho ixakekile – kanti ke neesentana ezi-mbalwa ziyanedwa!

Uloyiso Iulapha: Thina balimi asifanelanga kuziphakamisa side singafuni ukusebenza ngezigalo okanye kude kube nzima nokuxelela abalingane bethu iingxaki zethu. Mase-nze konke okusemandleni ethu ukuphilisa amashishini ethu nokondla iintsapho zethu. Amandla esiwasebenzisa ngaloo ndlela aya kwenza ukuba siggalisele kwiinjongo zethu zethuba elide kwaye siya kuphuphuma luthando lokulwela ukuphila!

Ekuggibeleni **KONKE okubalekileyo** yinto Oyenzayo ngeengxaki zakho nendlela **Ovumela iingxaki zakho ukuba zikuchaphazele kakubi.** Ingaba iingxaki zakho ziza kutsalela ezantsi, okanye ziza kwenza ukuba uthathe amanyathelo?

KumaGalati 6.v.9 kuthiwa: ‘Ke ekwenzeni okulungileyo masingethi amandla; kuba so-vuna ngexesa elililo – ukuba asityhafi.’

*Kuninzi okunokubalulwa ngamandla omntu. Enye yeencwadi zam endiya kuhlala ndizithanda yekaBryce Courtenay ethi ‘The Power of One’. Ubhala athi, ‘**Amandla omntu** angap-ezu kwazo zonke izinto **amandla okukholelwa esiqwini sakho...ingqondo yimbaleki**, umzimba yindlela ewusebenzisela ukubaleka ngamendu athe chatha okanye okufika kude, ukutsibela phezulu ngakumbi, ukudubula ngo-kuthe tye ngakumbi, ukukhaba bhetele, ukupqbha ngokuthe kratya, ukubetha ngamandla*

“Amaxesha ekuphela kwavo owa ngawo – UKUWA KWENENE – kuxa usiwa phantsi uze uhlale aphi phantsi!”

athe kratya, okanye ukubetha amanqindi ngo-kuthe kratya.’

Ndikholelwa ekubeni ulovo lokujonga icala elihle nokwenza umahluko yindlela ehanja ndim leyo ukuya empilweni ekholisayo ne-yanelisayo ngoko ke, ndifanele ndizilungiselele ukwenza iinguquko ezincinane kwaye kufuneka ndiphile ubomi bam ndisazi ukuba NDINAKHO ukwenza umahluko!

Xa umlimi oselemlala wayebuzwa lo mbuzo: *Kutheni befama abalimi, kanti ba-jongene neengxaki zoqoqsho phezu kween-kathazo namanzinthinzithi akholisa ukubakho emsebenzini wokufama?*

Waphendula wenjenje: Qho, qho iso-loko inye impendulo: Luthando. Sighutywa luthando. Abalimi bafama ngenxa yothando lokufama. Siyakuthanda ukubukela nokukhuli-sa izityalo. Siyakuthanda ukuhlala aphi kukho izilwanyana khona. Siyakuthanda ukusebenza phandle. Sithanda imozulu. Siyathanda uku-hlala aphi sisebenza khona nokusebenza aphi sihlala khona. Siyakuthanda ukusebenza ndawonye nabalingane bethu nabantwana bethu. Sithanda ukusebenza ngokuzimela futhi siyakuthanda ukungabi namphathi osixeleta emasikwenze!

Wena uthini? Ufama ngenxa yothando?

Ingaba uza kuyilwela into osowunayo kwaye uza kwenza konke okusemandleni ukulondoloza ifama yakho? Uza kuhlala endlwini yakho uvale iminyango neekhetini okanye uza kufunyanwa emasimini uleqa iibhokhwe nemiqhagi, ukhusela nolokugqibela ukhoso lombona kude kufike ixesha lokuvuna nje-ningoko enzile uMnumzana uKhumalo noMnu-mzana uNdhlovu kufuphi neNtabamhlophe kwhidbo elidlulileyo?

Elokuggiba, bazalwana, ndithi, iinto zonke eziyinene, iinto zonke ezindilekileyo, iinto zonke ezibubulungisa, iinto zonke ezinyulu, iinto zonke ezithandekayo, iinto zonke ezilu-dumo lulungileyo, ukuba kukho sidima, ukuba kukho ndumiso – zithelekeleleni ezo zinto. (KwabaseFilipi 4:8)

Akwaba ubunokufumana ithemba ekunya-mekeni, zanga iimvula zingana kakuhle zingabi zizichotho emasimini akho ukuze uphile ngoxolo!

Iqhalo lakudala lama-Afrika lithi: **Nokuba bungaba bude kangakanani ubusuku, kuya kude kuse. Imbalela ibifikile nakwixesha eli-dlulileyo kodwa ide ifikelele ekuqhekekeni** – thina sifanele ukuqinisekisa ukuba ayi-siqhekezi kuqala!

Inqaku linikelwe nguJenny Mathews, umbhalu kwiPula Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyile aphi jenjonmat@gmail.com.

Ulawulo lwezikhondo zengqolowa nezityalo zomaleko ozikhethayo



Izikhondo zokukhusela umhlaba.

ubaluleke kakhulu ulawulo lwentsalela emva kokuvuna, nokuba lolwezikhondo okanye lolwezityalo zomaleko ezi-nokubakho. Ulawulo lunendima ebalulekileyo kwimpumelelo yesityalo esilandelayo.

Umgaoqo wesiqhelo okanye wolondolozo kwezolimo uya kuba neendlela ezahlukahlukileyo zokuphatha intsalela yengqolowa. Kumgaqo wokufama ngokwesiqhelo intsalela ihlanganiselwa emhlabeni ngokusebenzisa imigaqo eyahluka-hlukileyo yokuhlakula phambi kokulinywa kwsityalo esilandelayo. Le yeyona ndlela ilula yokulawula iintsalela zakho kunokuzibopha ngeebhali ukuze kondliwe izilwanyana okanye njengendawo yokulala. Ngelishwa asiyondlela ilondolozekayo kwaye ineengqimba

zekhabhoni ezilahleka kwigesi ekuthiya yisile (CO_2) ngexesa lemisebenzi yokuphethula umhlaba kanye nokwetha komgangatho okanye umandlalo ngenxa yelahleko zezondlo kwinkqubo, isiphumo sibe kukwanda kwsidingo sezichumiso kwixesha elilandelayo lokulima.

Le nkqubo ishiya umhlaba uze unge-nakhuselo kwizinto ezifana nemvula nomoya, ukuze oko kukhokelele ekulahlekeni komhlaba ongaphezulu ngenxa yokhukuliseko. Ukulima ngolondolozo kunengqiqo eyahlukileyo, kuba lugcina intsalela kumphezulu womhlaba ukuthintela ukhukuliseko, ukuze kubekho umaleko owukhusela kwezo ngxaki. Igcina umhlaba upholile ehlotyeni, kanti oko kunce-da ngokukhusela ubomi beentsholongwane obubalulekileyo emhlabeni. Ulawulo lwale

meeko alumnqandi umlimi ekutyiensi imfuyo kwintsalela ngexesa lasehlotyeni.

KwiLanggewens Research Farm yeSebe lezoLimo eNtshona Koloni, kufuphi neMoorreesburg eNtshona Koloni, isine esivavanyi-weyo seenkqubo zokulinywa kwezityalo siquka umba wezilwanyana ezityiswa edlelwani na-kwintsalela yengqolowa ehlotyeni. Izilwanyana kwezi nkqubo zilawulwa ngendlela eqinisekisa ukuba akususwa ngaphezu kwe 50% yentsalela. Ngokwenza njalo uyakwazi ukugcina umaleko owaneleyo womhlaba.

Izinto eziluncedo ngokutyisa impahla kukukhawuleza kwemijikelo yezondlo kwisilwanyana kanti ukuncipha komaleko ogquma umhlaba wenza kube lula ukutyala isityalo esilandelayo, ngakumbi xa utyala ngesixhobo esinamazinyo

sokufaka imbewu. limpuphu zeziwanyana nazo ziyaneda ukuqhekeza intsalela ibe ngamaghekezana ukuze intsalela ihambe kakuhle kwisixhobo sokufaka imbewu. Nangona unqweneleka umaleko opheleleyo unakho ukubenza nzima ubomi ngexesha lokutyal.

Ukuyenza lula ingxaki, umlimi unakho ukurhuqa amathayara erabha entsimini ukuze aqhekeze izikhondo zibe ngamaqhekeza futhi asasaze intsalela ngokulungelelana entsimini. Kukho neixhobo ezisabureyikhi ezinokuse-tyenziselwa ukusasaza intsalela ukuze ilunge-lelane kakuhle ngqo emva kokuvuna okanye phambi kokutyal isityalo esilandelayo.

Ulawulo lwezityalo zomaleko luxhomekeke kwinto afuna ukyiphumeza umlimi. Ukuba ulime isityalo somaleko sasebusika, ulawulo luya kuxhomekeka ekubeni eso sityalu siya kusetyenziselwa ntoni. Sisenokusetyenziswa njengesitha sefula okanye njengefula yesisele, njengomaleko wokugquma umhlaba okanye nanjengesondlo seziwanyana. Kuzo zonke ezi meko isityalo sokugquma siya kunceda ngolawulo lokhula. Kubalulekile ukuba silinywe kuselithuba kwixesha lonyaka ukuze kolulwe ixesha lonyaka lokulima kangangoko kuno-kwenzeka. Ngokuya lisiba lide ithuba lokukhula kwezityalo, nemveliso iyanda.

Xa kusetyenziswa isityalo somaleko njengesitha sefula okanye xa ishiywe njengomaleko womhlaba kubalulekile ukususa umaleko phambi kokumilisela kwembewu ephilayo. Xa isisitha sefula, umaleko uya kusikwa uze ushiywe ukuze wome phambi kokubotshwa njengebhali okanye isongwe ibe mcaba xa kusenziwa umaleko womhlaba. Kuzo zombini ezi ndleta ungashenxiswa ngekhemikhali yokhula ebhalisiweyo. Kanti xa isetyenziswe njengefula yesisele, iya kusikwa kwelo xesha xa isityalo esingumaleko sisemgangathweni ongowona ufunekayo wokwenza ifula yesisele.

Ukuba isityalo esingumaleko sisetyenziswe njengesondlo seziwanyana, zimbini izinto ezi-nokwenzeka. Eyokuqala kukukhulisa isityalo esigqumayo kangangoko phambi kokutysa



Umaleko womhlaba olungileyo ugcina ukufuma udodobalalise ukukhula kohkula kwixesha elilandelayo lokulima.

izilwanyana, futhi mhlawumbi yejona nto iphucukileyo inokukhethwa leyo xa kusondliwa iinkomo. Eyesibini into enokukhethwa ibhetele xa kusondliwa iigusha neebhokhwe. Kule meko isondlo sifumaneka kwangoko, ukuze emva koko isityalo somaleko sinikwe ithuba lokuphinda sikhule. Izilwanyana ke ngoko zikhatselwa kwideleo elisisigxina kude kuge lixesha lesibini lokutysa elinokubakho ethubeni kwixesha lokulima (ukuba kwanele okunokolulwa okwesibini). Ukuba isityalo sokugquma sibyelela kakuhle, endaweni yokutysa kwesibini, umaleko unokususwa uze usetyenziswe njengesitha sefula. Eyona nto ibalulekileyo emayikhunjulwe ngesityalo somaleko sasebusika kukususa phambi kokumilisela imbewu.

Umaleko wasehlotyeni nawo ungalawulwa ngendlela efana nale xa ubukhulu becali imvula isina ehlotyeni kwisiphaluka sakho. Xa ufunu ukulima umaleko wasehlotyeni kwisiphaluka semvula yasebusika okanye umaleko wasebusika kwiziphaluka zemvula yasehlotyeni bubulumko ukuwususa msinyane ngokwaneleyo umaleko ukuqinisekisa ixesha elaneleyo lokuqokelelana kwamanzi kwisakhiwo somhlaba.

*Inqaku linikelwe nguGq Johann Strauss,
Icandelo loLawulo IweeNzululwazi
ngezityalo, iiNkonzo zoPhando noPhuhliso
lobuChwepheshe, iSebe lezoLimo eNtshona
Koloni. Ngolwazi olutihe vetshe, thumela
i-imeyili apha: johannst@elsenburg.com.*

Pula Imvula's Quote of the Month

Life is about making an impact, not making an income.

~ Kevin Kruse

Phawula iimpawu ZOKUWA

Ukuwa kubhekiselele kwimeko apho ishishini lokufama linamatyala angapezu kwempahla yexabiso kwaye lingakwazi kufeza zonke iimfanelo. Ukuwa okuqala ngokunkqonkqoza emnyango akwezeneki ngokusuku olunye. Kuyinkqubo engakhawuleziyo kwaye kuthatha ixesha elide (kukholisa ukuqhuba ngaphezu konyaka omnye obona buncinane) phambi kokuba ishishini lokufama laziwe njengeliwileyo okanye ngolwimi lwasesikolweni, kuthiwe litshonile.

Oku kukhokeleta embuzweni othi 'Kutheni behkhona abalimi, abathi naxa besengxingweni enkuwu (umzekelo, imbalela eqquba ngoku), kodwa benze umsebenzi wokufama ngempumelelo futhi bahlangabezane neemfanelo zabo?' Le inokuba yingxoxo engapele ndawo. Nangona kunjalo, ekuggibeleni zonke izizathu zinokwayanyanisa nomgangatho wolawulo, kanti malunga neshishini lokufama – ulawulo lwefama ngumba ongqinwe ngeentloba eziqilqa zofundonzulu.

Ziliqela iinkcazelo ngomba woLawulo lweFama kodwa xa kuditianiswa zonke iinkcazelo kufunyaniswa ukuba phantse zonke zithi ulawulo lwefama 'KUKUSETYENZISWA OKANYE UKUHLANGANISWA NGEMFEZEKO YONKE IMITHOMBO YOBUTYEBI, ABANTU NEZINTO EZIBAMBEKAYO, KWIMPUMEZO YEENJONGO ZESHISHINI LOKUFAMA.' Ngoko ke, isiseko esibambekayo sefama asiyoresiphi yempumelelo okanye yentsilelo. Endaweni yoko, umgangatho wokusebenza ulinganiswa ngokwendlela elawulwa ngayo ifama ukuze isebeenzise imithombo yobutyebi ngemfezeko.

Enyanisweni ulawulo luthetha ukwenza izicwangciso, ulungiselelo, impumezo nolawulo olufanelekileyo lwazo zonke iinkalo zolawulo. linkalo zolawulo kukwenza imveliso-, ukuthengisa-, ukuthenga, imicimbi yemali, imisebenzi yeofisi-, abasebenzi, ubudlelwane boluntu, impahla yexabiso negciniwego, kune nolawulo ngokubanzi. Ngoko ke umlimi makabe yintshatsheli yomlawuli. Intshatsheli yomlimi iya kukwazi ke ngoko ukusebenzia abasebenzi bayo, umhlaba wayo nayo yonke impahla yexabiso engashenxisekiyo ngokujalo nempahla yexabiso yonke ngobuchule ukuze ikhuphe iimveliso ezisemgangathweni ezidingga ngabaxumi, futhi ifumane inzuko.

Ngaxeshanye, xa kusetyenziswa ibanga ngalinye lolawulo – ucwangcisel, impumezo nolawulo – intshatsheli yomlimi/umphathi uya kuba yinkokeli elungileyo, ekwaziyo

ukwenza izigqibo, inxibelelane kakuhle ngaphakathi nangaphandle, yenze ulwabiwo lomsebenzi, ihanganise ulawulo lwamacandelo, ikhuthaze abantu bayo ngokunjalo igcine uwangco ngendlela engacwangciselwanga necwangciselweyo.

Imizekelo yokuziphatha kwabaphathi ebonisila ulawulo olungomelelanga noluchaphazela impumelelo yefama yile:

• **Ukungazitsali iintambo okanye ukuyekelela** – njengabaphathi, abanye abalimi bayakwazi abafanele ukukwenza, kodwa bayayekelela bangakwazi kuziqeqesha ekubeni bayisebenzise ngendlela efanelekileyo imithetho-siseko yolawulo.

• **Ukubamba ixesha** – abanye abalimi basebenzisa imigaqo echanekileyo yolawulo, kodwa basoloko beshiywa lixesha babe semva ngosuku okanye ngeveki kwimisebenzi yabo. Mhlawumbi balima emva kwexesha ngeveki, banyange inkomo egulayo kusuku olulandelayo, okanye babeke amaxabiso abo okuya okuziinkozo selihambe kakhulu ixesha.

• **Umgangatho wokuphila** – amakhaya neemoto zabantu ziypahla yexabiso engafaki ngeniso ngoko ke, ezo ndleko ziypinxene yomvuzo wolawulo lomlimi. Ngokunyuka kweendleko, tuyanda noxinzelelo kwinzuzzo yeshishini.

• **Ukugcina iingxelo** – ukufama kukholisa ukwenziwa ngaphandle kweenkcukacha ezifanelekileyo. Abanye abalimi bacinga ukuba iifama zabo zingenisa imali eninzi kodwa ukugcinwa kweengxelo ngendlela efanelekileyo kusenokwalatha mhlawumbi ukuba umbona abazilimela wona awufumaneki 'simahla'.

• **Ukuziqhelanisa** – abanye abalimi abanyaantlukwano eyaneleyo ukuze bakwazi ukuziqlihanisa neemeko zentengiso eziguqu-guqukayo okanye kwiimeko zemozulu.

• **Ukuxinga** – abanye abalimi baxinga kwiienza zolawulo zamandulo ebesezingasebenzi kwishumi lemnyaka, baze basilele ekuqapheleni ukuba ubuchwepheshes obutsha nezenzo eziphuculiwego seziphuhlisis ukususela ngoko.

Iimpawu zokuwa

Njengoko bekuxelwe kumhlathi wokuqala ukuba yinkqubo engakhawuleziyo eneempawu ezilandelayo eziponisa ukuba ukuba kusendeleni.

• Ababolekisi abasoloko bixinzelela futhi besothusa umlimi ukuba enze iintlawulo.

- Isixa semali-mboleko siyahuba ngokwanda.
- Ukolula imimiselo yokuhlawula ityala. Umzekelo, akukho dipozithi okanye isixa esincinane kakhulu kwithuba lokuhlawula elide kangangoko kunokwenzeka.
- Iintlawulo zenziwa emva kwexesha, ngemali eyiyona incinane ifanele ukuhlawulwa.
- Ururhoxiselwa ngokutsha kweentlawulo zemali-mboleko kumhla osemva.
- Ukungakwazi ukuhlawula iVAT xa oko kufanelekile.
- Ukuthengisa impahla yexabiso nganye eshenxisekayo ukuze bafumane imali esandleni abanokuhlawula ngayo iinkcitho zabucala.
- Ukuboleka imali kubahlobo okanye kusapho ngaphandle kwezicwangciso ezimiselweyo zokubuyisa loo mali.
- Ukwenza iimposiso ngabom kwiitsheki ukuyhuba ixesha phambi kwetsheki yesibini.
- Imibuzo emininzi ngokuchaneka kwezixamali ezikwizitethimenti/iinkcazo zeakhawanti okanye izicelo zeeinvoyisi ezibhalwe kubini.
- Ukuzithethelala ngokuthi intlawulo iseposini.
- Amarhe akhoyo ngemeko yemali yomlimi.
- Umlimi asuke abe neengcwangu okanye angabambeki xa ethetha ngemali.
- Ukwala ukuthetha nababolekisi, ngokusoloko esithi ebesezintlanganisweni, ukungaziphenduli kwaphela iifowuni okanye ukubathumela emntwini ofana nengcali kubalo-mali okanye umncedisi waseofisini. Xa kusenzeka ezi zenzo sukuba lifikile ixesha lokuhlalutyta imeko yakho yemali ngocolelo. Xa kungekho nzudo ingenayo, kufuneka kubekho ilinge eliquaniselayo ukuze kwande ingeniso, kunciphe iinkcitho kunye/okanye ityala lihlenga-hlengiswe ngenye indlela. Ukuba oku akunakwenzeka, kufanele kuthengiswe impahla yexabiso engangenisi mali okanye kwensiwe esinye isivumelwano nababolekisi. Ukuba la malinge akaniki thuba lifanelekileyo lokuqhuba kakuhle ngokwasemalini, ukuthinjwa kusenokuba sisiphumo esingenakuthinteleka.

Athikele e kwadilwe ke Marius Greylings, mokwadi wa Pula Imvula. Fa o tlhoka kitso gape, o ka romela emeile go mariusg@mrgacc.co.za.

Ukubaluleka kokutshabalalisa ukhula ehlotyeni

Tshabalalisa ukhula busaqala ubomi balo xa lusebututhathaka kakhulu.

Ukhula lolona tshaba lukhulu lomlimi kwaye lusesona soyikiso sibi kwisityalo somlimi esinesakhono. Ukutshabalalisa ukhula kusenokuba ngumceli-mngeni omkhulu ngakumbi kwiinyanya zehlobo ukususela ngoNovemba ukuya kujanyuwari xa lusekumabanga okukhula ngokukhawuleza okukhulu ngenxa yeemeko zemozulu ezikukhuthazayo oko kukhula.

Elona xesha lilungileyo lokutshabalalisa ukhula kuxa lusekumabanga okuqala okupuhla kwalokwae lubuthathaka, xa kuqala iinyanya zehlobo. Ngelishwa, ngenxa yokusilela ekulawuleni ixesha nocwangcisel siyawubhuda lo mbandela ngamanye amaxesha.

Oku kusishiya nomsebenzi odinisayo wokuzama ukugcina ukhula ngaphandle kwamasimi xa luhkula ngokukhawuleza kwaye selomelele. Xa sekunjalo kuba nzima ukulutshabalalisa ukhula, kodwa sinyanzelekile ukuba sikwenze oko! Kubaluleke kakhulu ukuba singaluyeki ukhula lude lusongamele. Lo ngumsebenzi osoloko uqhuba esifanele ukunamathela kuwo ukuze siziwe izivuno ezhile ngexesha lokuvuna.

Elona xesha lifanelekileyo lokutshabalalisa ukhula

Kufuneka sihlale sikhumbula ukuba elona xesha lifanelekileyo lokutshabalalisa ukhula kuxa busaqala ubomi balo kwaye lusebututhathaka kakhulu. Xa siluyeka luhkule lusuka lomelele ngakumbi kuba nzima kakhulu ukulutshabalalisa. Kwakhona ukhula lufunxa izondlo nokufuma okuthe kratya xa luselutsha kuba sukuba lusakhula ngokukhawuleza, ngoko ke xa sitshiza ngeli xesha, luya kuzifunxa ngokuthe kratya neekhemikhali ukuze thina sifumane ezona ziphumo zihle.

Izicwangciso-cebo zokubulala ukhula kwiinyanya zehlobo

Njengabalimi sinezixhobo ezibini ezisezandleni zethu ukuzama ukutshabalalisa ukhula. Ezi zixhobo kukutshabalalisa ukhula ngeekhemikhali nokulutshabalalisa ngezandla nangoomatshini. Imisebenzi yolawulo lwethu iya kwalatha ukuba sisebenzisa esiphi kakhulu kwezi. Umzekelo, xa usebenzisa umgaqo wokungahlakuli kwifama yakho ngoko ke uya kuxhomekeka kuphela ekusebenziseni iikhemikhali. Kanti ngokwe-

nkqubo yesiqhelo uya kuzisebenzisa zombini ezi ndlela.

Eyona meko ifanelekileyo xa usebenzisa umgaqo wokungahlakuli kukutshabalalisa lonke ukhula olutshalaqala ihlobo ngokusebenzisa imveliso enesiseko esibanzi netshabalalisa ukhula ngokudibana nalo. Oku kungenziwa ngokuhlanganisa nomchiza wokhula waphambi kokuhluma kuba oko kuya kukunika iziphumo zethuba elide. Nangona kunjalo, abalimi abaninzi bakhetha ukuzahlukanisa ezi ntlobonjengoko ezona meko zifanelekileyo zolawulo ziyimozulu eqaqambileyo nefudumeleyo.

Xa lubulawa phambi kokuhluma iimeko ezinqwenelekayo yimozulu epholileyo enomkhumezelomncinane kuba incedisa ngokufunxeka kwekhemikhali emhlabeni ongaphantsi ukuze oko kube neziphumo ezhile. Emva kokutyala umntu unokusebenzisa omnye umgaqo weekhemikhali zokhula njengoko eya kuba efuna ukuba izithole eziselula zifumane ithuba elihle lokukhula ngaphandle kokutshiswano. Xa umbona ukwibanga lokukhula, umntu kufuneaka aqhube angayeki ukuhola ukuba ingaba isityalo asinakhula na. Xa umbona ukwibanga lokukhula, umntu ufanele ukusoloko ehlola isityalo ekhangela ukhula. Ukuba kukho ubungqina bokhula umlimi makaphinde afake esinye isibulali sokhula. Kuya kusoloko kukho isoyikiso sokhula side isityalo sibe nakho ukwenza umaleko womhlaba olungileyo ogquma isiseko saso. Kwakuba kwenzekile oku akusayi kubakho kuhanya kwelanga kuggobhozela emhlabeni ukuze kunciphe inani lokhula oluntshulayo.

Kwinkqubo yesiqhelo, abalimi bakholisa ukutyala kumandalalo wembewu olungiswe kakuhle nococekekileyo. Umandlalo wembewu ufanele ukulungiswa kakuhle msinyane emva kweemvula zokuqala. Abalimi abaninzi bomgaqo wesiqhelo baya kuhkohela isixhobo sokutyala ngesikofolo esikhubelayo okanye ngesixhobo se-vibroflex ukuze kungabikhokhula ngexesha lokutyala. Msinyane emva kokutyala baya kutshiza isityalo ngomchiza wokubulala ukhula phambi kokuhluma. Sakuwa sihlumile isityalo, umntu ufanele ukutshabalalisa ukhula ngomatshini okanye ngezandla adibanise nomaleko wangapezulu ngokusebenzisa isikofolo esenzelwe ukucoca phakathi kwemiqolo yesityalo nesimiswelwe ngemigqomo



Ukutshatyalaliswa kokhula kuya ngokuba nzima kuba izityalo ezilukhula ziyomelela.

yesichumiso. Oku kungenziwa kuphela ude umbona ube mde kakhulu.

Iimeko ezizezona zifanelekileyo zokufakwa kwemichiza

Yiba soloko ukhumbula xa utshiza ngeekhemikhali ezifanele ukudibana nokhula ukuba iimeko ezizezona zifanelekileyo zezifudumeleyo, ezizolileyo nezingenazithintelo. Ukhula lufanele ukuba lusakhula ngokukhawuleza ukuze kufumeke iziphumo ezizezona zilungileyo. Qiniseka ukuba isitshizi simiswelwe ngokuchanekileyo kwaye umoya ovuthuzayo mncinane okanye awukho ukuze isitshizi singaphaphatheki kakhulu. Xa utshiza ngeekhemikhali zaphambi kokuhluma, iimeko zemozulu ezizezona zifanelekileyo zezizolileyo nezikhumezela kancinane. Oku kuncedisa iikhemikhali ukuba zifunxwe ngumhlaba apho zinokuthintela kakuhle inkqubo yokuntshula kokhula.

Ukhula lunokuba nesiphumo sokumosha isivuno esinokubakho sesityalo sakho. Abalimi mabasoloko behlola amasimi abo bekhangela ukhula. Akukho nto inokuqhoba kakuhle xa kukho ukutshiswano oluyingozi. Yiloo nto thina balimi sifanele ukwenza ngako konke esinakho ukunciphisia iimpembelelo zokhula kwizityalo zethu. Impumelelo yethu iya kuxhomekeka kwisakhono sethu sokwenza izicwangciso kuselithuba nokukhuthala kwethu ukuhola iimeko zamasimi ethu kunye namanyathelo esiwathathayo olondolozo.

*Inqaku linikelwe nguGavin Mathews,
oneMfundu yesiDanga kuLavulo loBume
obusiNgqongileyo. Ngolwazi oluthe vetshe
thumela i-imeyili apha: gavmat@gmail.com.*

Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324
7 Collins Street, Arboretum
Bloemfontein
► 08600 47246 ▲
► Fax: 051 430 7574 ▲ www.grainsa.co.za

UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson
► 082 854 7171 ▲ jane@grainsa.co.za

UKUMISELWA

KWABAHLELI

Liana Stroebel

► 084 264 1422 ▲ liana@grainsa.co.za

UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks
► 018 468 2716 ▲ www.infoworks.biz



**IPULA IMVULA IFUMANEKA
NGEELWIMI EZILANDELAYO:**

*isiXhosa,
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,
iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.*

**INkubo yeGrain SA
yoPhuhliso IwabaLimi**

ABAQUQUZELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
► 079 497 4294 ▲ johank@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 051 924 1099 ▲ Dimakatso Nyambose

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)
► 084 604 0549 ▲ jerry@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 013 755 4575 ▲ Nonhlanhla Sithole

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
► 082 354 5749 ▲ jurie@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 034 907 5040 ▲ Sydwell Nkosi

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Louwsburg)
► 082 650 9315 ▲ graeme@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8069 ▲ Sydwell Nkosi

Ian Househam

EMpuma-Koloni (Kokstad)
► 078 791 1004 ▲ ian@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 039 727 5749 ▲ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENtshona-Koloni (Paarl)
► 084 264 1422 ▲ liana@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8057 ▲ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
► 082 877 6749 ▲ duotit@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8038 ▲ Lebo Mogatlanyane

Julius Motsoeneng

North West (Taung)
► 076 182 7889 ▲ julius@grainsa.co.za

Sinelizwi Fakade

Mthatha
► 071 519 4192 ▲ sinelizwifakade@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8077 ▲ Cwayita Mpotyi

**Articles written by independent writers
are the views of the writer and not of Grain SA.**

I-Grain SA udliwanondlebe... noZoliwe Nombewu



zelelo lwam lwemihla ngemihla lokuphucula imisebenzi yam yokulima, isakhona sam sokufumana ixabiso elilelona lihle ngayo nantoni endiyifunayo nokunxi-belelana nabantu.

Imiba yobuthathaka: Ubuthathaka bam busekulahlekelweni ngumonde ngamanye amaxesha, inkxalabo nokuthetha gqitha.

**Sasingakanani isivuno
sesityalo sakho ngoko
wawuqala ukufama?
Singakanani ngoku
kwezo zityalo?**

Ndandiqalisa emhlabeni womyeni wam owawuziihektare ezi-4 ngobukhulu. Isivuno sethu xa sisihle sasingagqithi kwittoni eziyi 1,5 ngehektate. Kwaze kwafika iGrain SA neendlela zayo eziphucukileyo zokulima umbona nezokulima imihlabu yethu. Ngoku ndivuna ittoni ezi-4 ukuya kwezi-5 ngehektare emhlabeni owomileyo. Ngokuqinise-kileyo ndivune nganeno kunyaka opheleleyo ngenxa yembalela ebiqatsese.

Uthando olushushu, ukusebenza nzima nolangazelelo lokufunda yimibandela esentloko eyenza ukuba uZoliwe Nombewu waseMthatha eMpuma Koloni, aphumelele nakanjani nakowuphi umceli-mngeni aqubisana nawo.

**Uwenza phi futhi ngeehektare
ezingaphi umsebenzi wokufama?
Ufama ngantoni?**

Ngoku ndifama kwiihektare eziyi-32, ubukhulu becali, ngombona. Kwakhona ndilima imifuno kwiihektare ezi-3 endizithengisa eSpar, eSpargs nakwezinye iimarike ezikufutshane ezinothakazelelo lokuthenga.

Zinto zini ezikukhuthazayo?

Umyeni wam uyinkuthazo kum kuba waqala engathathi ntweni kodwa namhla uquhaba kakuhle kwinkalo yokufama. Uthando olushushu analo ngokulima nangokufama kwandikhuthaza ukuba ndimnike inkxaso kwa-ze oko kwakhulisa umda wam kwinto endi-yenza namhla.

**Chaza imiba yamanda
neyobuthathaka bakho**

Imiba yamanda: Amandla am akwisakhono endinaso sokuthengisa endikulimileyo, uthaka-

**Inqaku linikelwe nguSinelizwe Fakade,
umququzeleli wePhondo eMthatha, eMpuma
Koloni. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela
i-imeyili apha: sinelizwe@grainsa.co.za.**



**THIS PUBLICATION IS
MADE POSSIBLE BY THE
CONTRIBUTION OF
THE MAIZE TRUST**